# Nantso-Igushakazi ! Pantsi Kwabaguguli ! !

## (Good-Friday).

### (Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Ngu Enoch, Metusellah, Elija, no Elisha kupela, abayinyukayo lula lo Nduli: Akusayikubuye kupinde ke, kubekona bambi ngapandle kwabo, kweli Pakade Likoyo: De kuhlokome Ixilongo lokugqibela: Ukususela ku Yesu ke, kuye ko sebeleni ngoku, indoda imelwe yintambo emqaleni kupela: Xa ifuna ukuba Isizwe sayo sikululeke ne Lizwe layo :—Pulapula ! !

Make sibulele kwiroti lokulwa
Loyisa intshaba zonke ke zapulwa
Latyumza ukufa nenyoka endala
Ukuze sisinde kwawet' amatyala.

Weza ngokutanda Elake Ibandla
Etshizwe ngamanzi nelizwi lamandla
Lonkosi yoxolo yazisa "Uxolo"
Ukuze nengqola ipiwe uyolo.

Ngcongolo Etyunyuzwe lu "Betelo"
Lwezono ku Adam neyake Inzalo
Ngalo matambo alele ekufeni
Masibambane ngezandla emfundweni.

Namhlanje sikulesesha Emqulwini
Njengemvana isiya ekux'elweni
Wati, Cwaka umlomo xa uyayo
Njenge gushakazi kwabayigugulayo.

Tyumza inyoka endala u Satane
Abhubhe mutu nesihogo sidane
Namawakawaka abulawe Afrika
Siwabiza Kuwe lomawakawaka.

Camagu !

Ndlovu Eza nemigudu e Afrika
Kade sipila ngamatambo nodaka
Wena watunyelwa wanje nge Ngilosi
Kodwa tina apa simi ngemikosi.

Tyumza inyoka endala u Satana
Igazi lako likanyisele tina
Ngalo matambo alele Ekufeni
Fundisa ngawo uxolo Emhlabeni.

Tyumza intlondi ezimbi zelilizwe
Ukalipe nomlisela wetu Sizwe
Sifaba lugangato kulo Gabriyela
Menzi wenkwenkwezi nozilimela.

Tyumza inyoka endala u Satane
Abhubhe mutu nesihogo sidane
Ze usinyuse nase matambekeni
Njengemihlambi ebhekis' engqeleni.

Magxa awatwala umti wezigxeko
Masitwale ezabetu izigxeko
Ndlovu Emnke ngemigudu e Jeriko
Dibanisa Ezizizwe ngenguquko.

Hlongoza abemi benkosi zetu
Kanye kwanentlisiyo nemikwa yetu
Zesisipepe Ngawe sakupetela
Intolo Zabelungu neso "Kwanela"

"Amanzi" e Afrika makahlokome
Enje Isijwili apa apupume
Apakamise namanxila e Gqili
Abubone ubuko Bako Immanueli.

Camago ! Bo ! !